Isalathiso: 20210309-1491
Inombolo yefayili: 13/2/8/23-M1/21
Imibuzo: LN Sopotela

INgcaciso eMfutshane yeProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Programme (NSNP)*): 0001/2021

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko beZithili, kuBalawuli beZithili, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli beZithili nakumaGosa azii-*Liaison Officers* eProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezixhamla kwiProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke nakooSihlalo bamabhunga olawulo ezikolo ezinabafundi abaxhamla kwiprogram

Isihloko: **Ukubekwa esweni kweentlawulo ezenziwa ngoomatshini zeProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke (*National School Nutrition Programme)* kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo**

1. NgokweSetyhula yoLawulo noCwangciso lokuPhathwa kwamaZiko 0031/2019, yomhla we-29 Juni 2019 yeemfuno zomgaqo (*regulatory requirements*) wolawulo lweemali zesikolo, amabhunga olawulo alindeleke ukuba alawule yaye aphumeze ngokuyimpumelelo nangobuchule ulawulo nokusetyenziswa kwemali okusekuhleni nesistim zolawulo lwangaphakathi (*internal control systems*).

2. Ngokumalunga noku, iProgram yoKutyisa iZikolo kaZwelonke kufuneka imisele iindlela zolawulo ukuqinisekisa ukuba amabhunga olawulo aphumeza ngokuyimpumelelo, nangobuchule nasekuhleni ulawulo nokusetyenziswa kwemali okucacileyo (*transparent financial management*) neesistim zolawulo lwangaphakathi (*internal control systems*).

3. Injongo yesi sixhobo solawulo **(IsiHlomelo A)** kukuqinisekisa nokomeleza ulawulo nokusetyenziswa kwemali okufanelekileyo kweemali ezihlawulwa ngoomatshini ezikolweni ukwenzela ukuthengwa kwezixhobo zasekhitshini, intlawulo yamavolontiya aphatha ukutya (*volunteer food handlers' honorarium)*, intlawulo yesitayiphendi sokutya sabasebenzi basegadini, intlawulo yezixhobo zabasebenzi basegadini neentlawulo zokhuphiswano lwe-*NSNP* (*NSNP competition funds*), kwakunye nokuqinisekisa ukuba iimali ezihlawulwe ngoomatshini zisetyenziselwa iinjongo ebezenzelwe zona.

4. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kuwo onke amagosa achaphazelekayo ukuze akuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOQUQUZELELO LOPHUHLISO LWAMAZIKO
UMHLA: 2021-03-26